# UYILO LWESIFUNDO

IGREYIDI…….………03……………. IYURE NGEMINI………1…..IXESHA LILONKE:IVEKI
UMHLA EKUQALWA NGAWO………UMHLA EKUGQITYWA NGAWO …INANI LEENTSUKU..
UMXHOLO WESIFUNDO…USAPHO………. …………….ISIHLOKO SESIFUNDO
………AMABALI……………… ….

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZITHINTELO ZOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| PF 1:UKUMAMELA<br>GH 4:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane babonise ingqiqo ngo:<br>• Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo,<br>• Kumamela inkcukacha ,<br>• Kuqikelela okunokukwenzeka,<br>• Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/iingcinga kwisicatshulwa,<br>• Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa somlomo,<br>• Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa | UMSEBENZI<br>Kuxoxwa ngomfanekiso /ngemifanekiso namagama amatsha ebali elizakubaliswa /elizakufundwa<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi baqikelela okuzakwenzeka ebalini.<br><br>UMSEBENZI<br>Utitshala ubalisa okanye ufunda ibali abafundi bemamele ngaphandle kokuphazamisa ,esebenzisa imifanekiso nembonakalo ezahlukeneyo | IINTLOBO ZOHLOLO<br>-Utitshala<br><br>IZIXHOBO ZOHLOLO<br>-itshekilisti<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO<br>-incoko yomlomo<br>-ukubhala<br>-ukudlala | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| somlomo ngokunika izizathu,<br>• Kusebenza intsusa neziphumo kwisicatshulwa somlomo/imiyalezo,<br>• Kuzoba imifanekiso ukucacisa ingqiqo yebali /isicatshulwa somlomo, abhale amabali/izicatshulwa ngamazwi ache<br><br>UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO<br>PF 2:UKUTHETHA<br>GH 3:Sebenzisa iimbonakalo ezahlukeneyo nezijekulo xa ebalisa ibali.<br>GH 4:Yila nokubalisa amabali anesiqalo,isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo eneempawu zesakhiwo sebali nesimo sabalinganiswa.<br><br>PF 4:UKUBHALA<br>GH 6:Enza isigama aze uzipelele amagama ngo:<br>• Kuguquguqula isigama ngokuqhutywa ngumdla | nezijekulo xa ebalisa ibali.<br>UMSEBENZI<br>Abafundi babalisa ibali bebonisa imvakalelo malunga nebali elo.<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO 03<br>Utitshala ubuza imibuzo malunga nebali :<br><br>• Eli bali lithetha ngantoni?<br>• Nicinga ukuba ngubani umlinganiswa ophambili,<br>• Bangaphi abalinganiswa ekuthethwa ngabo kweli bali ,<br>• Babize…..<br>• Eli bali lisifundisa ntoni?<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi bafunda amagama angaqhelekanga baze benza ibhanki yamagama nesichazi-magama. | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| neenjongo ezithile,<br>• Kwenza umfuniselo nokudlala ngamagama avela kumabali ekufundeni ,kwizixhobo zosasazo,kwiziqhulo ,kwintetho yabalingane nabanye,<br>• Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama,<br>• Kusebenzisa isichazi-magama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama,<br>• Kusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.<br>KWEZINYE IZIFUNDO<br>UBUGCISA NENKCUBEKO<br>PF 4:UKUVAKALISA NOKUNXIBELELANA<br>GH 3:DLALA<br>• Ukusebenzisa ilwimi ,izijekulo nesimo somzimba ukuvakalisa iimvakalelo neengcinga. | UMSEBENZI WOHLOLO 03<br><br>Abafundi bazoba imifanekiso ukucacisa ingqiqo yebali baze babhale ibali ngamazwi abo ubuncinane izivakalisi ezihlanu. | | |

